


**Ngu Mongameli  
Thomas S. Monson**



# UThando EKhayeni— INGCEBISO EVELA KUMPROFETI WETHU

## **Ubomi boSapho Obusikelelweyo**

"Xa singcamle kakhulu kwaye sazula zula kwaye salibona indlela ihlabathi elingena zigqibo ngalo kwaye elingena nyaniso ngalo, umbulelo wethu uyakhula ngenxa yamathuba amahle esiwafumanayo wokuba sibe yinxenye yento esinokuxhomekeka sithembele kuyo ikhaya kunye nosapho kwaye nokuthenjwa ngaboo sibathandayo. Siye siyazi intsingiselo yokumanyaniswa kunye ngumthwalo, yimbeko kunye nokuba nelungelo lokuba yinxenye. Siye sifunde ukuba akukho nto enokuthatha ngokupheleleyo indawo yobudlelwano obusikelelweyo obukhoyo phakathi kobomi phakathi kobomi bosapho."<sup>1</sup>

## **UKwabelana NgoThando Lwethu**

"Ncoma umntwana wakho kwaye umgone: uthi kuye, 'Ndiyakuthanda' ngaphezulu; soloko ubonakalisa umbulelo wakho. Ungaze uvumele ingxaki ukuba ingasonjululwa uyibone ibaluleke ngaphezulu komntu ofuna ukuthandwa. Iitshomi ziyahamba, abantwana bayakhula, esibathandayo bayasweleka. Ku lula ukuthatha abanye sibadelele, kude kufike imini abahambayo ngayo ebomini bethu kwaye sishiyeke sinemivakalelo kwaye no 'akwaba' . . .

"Masinambitheni ubomi njengokuba sibuphila, sifumane uvuyo kolu hambo kwaye sabelane ngothando lwethu kunye neetshomi nosapho. Ngenye imini,

umntu ngamnye kuthi uyakuphelelwa lingomso. Masingadumdelisi okubalulekileyo."<sup>2</sup>

## **Ukubonakalisa UThando Lwethu**

"Bazalwane, masiphathe oonkosikazi bethu ngesidima kwaye nangembeko. Bangamaqabane ethu anaphakade. Boodade, bekani embekweni abayeni benu. Bayaswela ukuva ilizwi elilungileyo. Bayaluswela uncumo oluqhelekileyo. Bayayifuna nabo imbonakaliso efudumeleyo yothando lokwenene. . . .

"Kuni bazali ndithi, bonakalisani uthando ebantwaneni benu. Niyayazi ukuba niyabathanda, kodwa qinisekisini ukuba bayayazi nabo lonto. Baxabisekile kakhulu. Baxeeleni bayazi. Celani uncedo kuBawo wethu waseZulwini njengokuba nibanika nihoyana nee mfuno zabo mini le, kwaye nanjengokuba nimelana nobunzima obuye bufike nakanjani na kuba kaloku ningabazali. Niswele ngaphezulu nangaphaya kobulumko benu qha qha ekubakhuliseni."<sup>3</sup>

## **Ukubonakalisa UThando**

"Kuni bazali, lubonakaliseni uthando ebantwaneni benu. Bathandazeleni ukuba bakwazi ukoyisa ububi behlabathi. Thandazani ukuba bakhule enkolweni kunye nasekungqineni. Thandazani ukuba bafune ubomi obunobulungisa kwaye bokunceda nokukhonzisa abanye.

“Bantwana, xeledani abazali benu ukuba niyabathanda. Baxeeleni indlela enixabisa ngayo yonke into abanenzele yona kwaye nabaqhubeka banenzele yona.”<sup>4</sup>

### **Eyona IBaluleke Kakhulu.**

“Okona kubaluleke kakhulu kuphantse kwaso- loko kudibanisa ukuba singqongwe ngabantu. Rhoqo sisoloko sisizigqibela nje ukuba *kufanele ukuba* bayazi ukuba sibathanda kangakanani na. Kodwa akufuneki ukuba sizigqibele; kufanele ukuba sibaxelele. Wabhala uWilliam Shakespeare, ‘Abathandi abo bangalubonisiyo uthando lwabo.’ Asisoze siwasole amazwi obubele athethwayo okanye uthando olubonakaliswayo. Kodwa, ukuzisola kwethu kuyakuza ukuba izinto ezi njena asizenzi kubudlelwane bethu nabo abanentsingiselelo ebalulekileyo kuthi.”<sup>5</sup>

### **Ukusondeza Izulu KuFutshane**

“Uninzi losapho lwethu kunye namakhaya kufanele lugcwele luthando: uthando esinalo lo mntu ngamnye, uthando lwevangeli, uthando lwabantu kunye nothando lukaMsindisi. Njengesiphumo, izulu liyakusondela apha emhlabeni.

“Ingathi singeza amakhaya ethu iindawo ezingcwele apho amalungu osapho lwethu bangahlala befuna ukufikela.”<sup>6</sup>

### **Umthandazo waMasapho**

“Kangangoko usapho luphantsi kohlaselo ehlabathini namhlanje, kwaye izinto ezininzi ezigcinwe ixesha elide zingcwele kuhlekiswa ngazo, sicela Wena, Bawo wethu, ukuba usenze silingane nobunzima esijongana nabo, ukuze siyimele ngamandla inyaniso kunye nobulungisa. Ingathi amakhaya ethu angaba ngamakhosi oxolo, othando kwaye nezinto zomoya.”<sup>7</sup>

#### **IZIKHUMBUZO**

1. “A Sanctuary from the World,” *Worldwide Leadership Training Meeting*, Feb. 9, 2008, 29.
2. “Joy in the Journey” (Brigham Young University Women’s Conference, May 2, 2008), <http://ce.byu.edu/cw/womensconference/archive/transcripts.cfm>.
3. “Abundantly Blessed,” *Liahona*, May 2008, 112.
4. “Until We Meet Again,” *Liahona*, May 2009, 113.
5. “Ukuthola uVuyo Endleleni,” *Liahona*, Nov. 2008, 86.
6. “Indawo engcwele eHlabathini,” 30–31.
7. Dedicatory prayer for The Gila Valley Arizona Temple, May 23, 2010; in “The Gila Valley Arizona Temple: ‘Wilt Thou Hallow This House,’” *Church News*, May 29, 2010, 5.

---

## **UKUFUNDISA NGALOMYALEZO**

“Kwinkqubo nomdlalo wokunikana iingcebosi namacebo kunye namanqaku abalulekiyo, utitshala ubeka umbuzo okanye imeko kwaye aze anike abafundi ithuba lexesha elincinci ukuba bacebisane ngokukhululekileyo, baphane izisombululo neempendulo” (*Teaching, No Greater Call* [1999], 160). Njengokuba ufunda eli bali libhaliweyo kunye nosapho, bacele bamamele iingcebiso namanqaku abawathandayo. Amalungu osapho banganika amacebo neempendulo neendlela ezandisa uthando ekhayeni labo. Cinga ngokumema usapho lujonge la macebo kwinjikalanga yasekhaya yosapho ezayo.

## **ULUTSHA**

### **Umama Wasihlangula Thina.**

**NguPatricia Auxier**

**N**goku ndandineminyaka emithandathu, Mna nodade wethu omncinci sasibukele umdlalo kadade wethu wokugqampisela ibhola ebhaskethini (basketball). Utata wethu waye wahamba msinyane, thina saze sagqiba ukuba sasifuna ukugoduka kunye naye kengoko samleqa apho emvuleni. Ekungamfumanini kwethu, sabuyela kwindawo yokulolonga umzimba ukuze sigoduke kunye nomama wethu, kodwa sathi xa sibuyela apho safumana wonke umntu ehambile.

Ndiyakhumbula ndoyame emgubasini womnyango, ndizama ukususa mna nodade wethu emvuleni, ndithandaza ukuba kuze umntu. Emva koko ndiyakhumbula ndisiva umnyango weveni yethu ebomvu uvaleka, kwaye sabaleka saya apho kwakusitsho khona umsindo. Emva koko ndakhumbula ngoku ndandimncinci: umama wethu esigona ngengalo zakhe “njenge sikhukhukazi siqokelela amantsontsho aso ngaphantsi kweempiko zaso” (3 Nefayi 10:4). Umama wethu wasihlangula, kwaye andizange ndizive ndikhuselekile ngaphezu kwalowo mzuzu.

Xa ndicinga ngempembelelo yakhe kum, Ndibona ukuba ubomi buka mama wam bundilathise ngakuMsindisi kwaye bundibonakalisile ukuba ithini intsi-ngiselo yoku “phakamisa izandla ezityhafileyo, kwaye nokwameleza amadolo avetyevetye” (Imfundiso

neMinqophiso 81:5). Waxhomekeka kuYesu Krestu, owamnika amandla “angaphaya kwa [wakhe] angawakhe” (“Nkosi, Mna Ndiza Kuk’landela”) “ Lord I Would Follow Thee,” *Amaculo*, no. 220).

## ABANTWANA

### Ukwakha IKhaya Elonwabileyo

**U**mongameli Monson uyasicebisa iindlela esinokukwazi ngazo ukwakha ikhaya

elonwabileyo. Khangelani kulomyalezo izinto wena nosapho lwakho eninokuzenza ukweza ikhaya elonwabileyo.

Ixesha ngalinye ofumana into onokuyenza, yibhale phantsi. Fumana iindlela noba zintlanu onokwakha ngayo ikhaya elonwabileyo kwaye zoba indlu enosapho lwakho kuyo.

© 2011 yi Mveliso yeNgqondo Ekhuselweyo, Ikhampani Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/09 Isivumelo Sokuguqula: 6/09. Inguqulelo ka *First Presidency Message, August 2011*. Xhosa. 09367 774



Ukholo • Usapho • Uncedo

# UMbutho WaMabhinqa Angcwele

*Funda lo myalezo, kwaye ngokufanelekileyo uxoxe ngawo kunye noodade obandwendwelayo. Sebenzisa lemibuzo ukunceda womeleze odade bakho kwaye nokukwenza Umbutho wooMama usebenze kwindawo yawo ebomini bakho.*

**E**liza R. Snow, Isekela lesibini kuMbutho wooMama kwisimongameli sajikelele wafundisa: “uPawulosi uMpostile wakudala wathetha ngamabhinqa angcwele. Ngumsebenzi wethu umntu ngamnye ukuba abe libhinqa elingcwele. Siyakuba neenjongo eziphakamileyo, ukuba singabafazi abangcwele. Siyakuva ukuba sibiziwe ukuba senze imisebenzi ebalulekileyo. Akukho mntu ukhutshele ngaphandle kule misebenzi. Akukho dade ukhethiweyo yedwa, kwaye onenqanaba elimxinwa kodwa ngaphandle kokuba enoku kwazi ukwenza luninzi ekumiseni iKumkani likaThixo emhlabeni.”<sup>1</sup>

Boodade, asikho sodwa kwaye nenqanaba lethu alikho mxinwa. Ngokwamkela isipho seenkqubo eMbuthweni woomama, siba yinxenye yento uMprofeti Joseph awayichaza ngokuba ngumbutho “ohlukanisiweyo nazo zonke izinto ezimbi zehlabathi—ngokukhetha, ubulungisa, kunye nobungcwele.”<sup>2</sup>

Lo mbutho uyasanceda ukuba someleze ukholo lwethu kwaye sikhule ngokomoya ngokusinika abakhokheli, inkonzo, kunye namathuba okufundisa. Enkonzweni yethu elithsa: elilelinye elitsha liyongezwa ebomini bethu. Siyaqhubeka siphucuke ngokomoya, kwaye sizive siyinxenye, sizazi

ukuba singobani na, kwaye nexabiso leziq zethu liyanda. Siye siqonde ukuba injongo yonke yecebo levangeli kukusinika amathuba ukuba sifikelele kwisimo sethu esipheleleyo.

Umbutho wooMama uyasanceda ukuba silungiselele iintsikelelo zetempile, sibekela phezulu sinike imbeko iminqophiso esiyenzayo, kwaye sisebenze kwinjongo nembali yeZayoni. Umbutho wooMama uyasanceda ukuba songeze ukholo lwethu kunye nobulungisa bethu umntu ngamnye eyedwa, someleze amasapho, kwaye sikhangele kwaye sancede abo baneentswelo.

Umsebenzi wombutho wooMama ungcwele, kwaye ukwenza lo msebenzi ungcwele kudala ubungcwele phakathi kuthi.

**Silvia H. Allred, isekela lokuqala kwisimongameli sajikelele soMbutho wooMama.**

## **Kuphuma kwiZibhalo eziNgcwele**

Eksodosi 19:5; Iindumiso 24:3–4; 1 AbaseTesalonika 4:7; Thayithasi 2:3–4; Imfundiso neMinqophiso 38:24; 46:33; 82:14; 87:8; Mozisi 7:18

## **Kuphuma Embalini Yethu**

Ethetha naMabhinqa oMbutho wooMama eNavoo, uMprofeti Joseph wagxininisa ebungcweleni, ecacisa ukuba njengokuba oodade

babemana bebanyulu nangcwele, bayakuba nempebelelo ephawulekileyo ehlabathini. Wacacisa: Ukuzithoba, uthando, nobunyulu—ezi zizinto ezifanele ukuba zisinyuse. . . . Lo Mbutho . . . uyakuba namandla okuyalela ookumkanikazi phakathi kwazo. . . . Okumkani nookumkanikazi bomhlaba bayakuza eZayoni, kwaye banike imbeko yabo.” Umbutho woodade abaphila iminqophiso yabo uyalalela imbeko yabantu abalungileyo, kwaye “ukuba niphilela amathuba enu azintsikelelo eniwaphiweyo,” uJoseph wathembisa oodade, “iingelosi azinokunqandwa ukuba zisebenzisane nani.”<sup>3</sup>

Njengokuba oodade bathatha inxaxheba emsebenzini wenkonzo kwaye nowokusindisa abanye, baye bangcwaliseke umntu ngamnye. Lucy Mack Smith, umama kaMprofeti, wabelana ngokulunga uMbutho wooMama onobuphumeza: “Kufuneka sixabisane, sigadane, sithuthuzelane kwaye sifumane imfundiso, ukuze sonke sihlale ezulwini kunye.”<sup>4</sup>

## **IZIKHUMBUZO**

1. Eliza R. Snow, “An Address,” *Woman’s Exponent*, Sept. 15, 1873, 62.
2. Joseph Smith, kwi *History of the Church (kwiMbali yeCawa)*, 1:78.
3. Joseph Smith, kwi *History of the Church (kwiMbali yeCawa)*, 1:78.
4. Lucy Mack Smith, in Relief Society, *Minute Book Mar. 1842–Mar. 1844*, okubhalwe ngo-Mar. 24, 1842, Church History Library, 18–19.

***Yintoni Endinokukwazi  
Ukuyenza?***

**1.** Ndibanceda njani oodade endibakhathaleleyo ukuba bakhulise kwaye baphumeze “iinjongo eziphakamileyo”?

**2.** Ingaba ndenza ntoni ukwenza ubomi bam “ukuketha, ubulungisa, kunye nobungcwele”?

Ukufumana olunye ulwazi, iya ku [www.reliefsociety.lds.org](http://www.reliefsociety.lds.org).

© 2011 yi Mveliso yeNgqondo Ekhuselweyo, Ikhampani Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/09 Isivumelo Sokuguqula: 6/09. Inguqulelo ka *Visiting Teaching Message, August 2011* Xhosa. 09367 774